



Isalathiso: 20170202-7914
11/1/2/1/1
Imibuzo: NF Sobetwa-Magodla

ISetyhula: 0016/2017
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli; kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi boKunika iNkxaso kwiKharityhulam; kuBaphathi beeSekethe, KuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule, kuBaphathi beCandelo loKunika iNkxaso kuBafundi, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaqquzeleli boVavanyo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko ezemfundo

Isishwankathelo esifutshane: Le setyhula inika isikhokelo ngendlela emele ukusebenza ngayo iKomiti yeSikolo yoKusingatha iZitenxo zoVavanyo (School Assessment Irregularities Committee)

Isihloko: Isikhokelo sokwaxhiwa nemisebenzi yeKomiti yeSikolo yoKusingatha iZitenxo zoVavanyo

1. Le setyhula ithatha indawo yeSetyhula 0012/2008: ISikhokelo sokusekwa kweKomiti yeSikolo yoKusingatha iZitenxo zoVavanyo (*a School Assessment Irregularities Committee (SAIC)*).
2. IMimiselo *Regulations pertaining to the Conduct, Administration and Management of Assessment for the National Senior Certificate* njengoko ipapashwe kwiGazethi kaRhulumente 31337, efakelwe izilungiso nge-16 Meyi 2014, icacisa ukuba isikolo ngasinye masiseke iKomiti yeSikolo yoKusingatha iZitenxo zoVavanyo (SAIC).
3. IZitenxo zovavanyo lwangaphakathi (*Internal assessment irregularities*) ezichaphazela abafundi neetitshala mazisingathwe yi-SAIC kwinqanaba lesikolo, ngokungqinelana nesikhokelo (**IziHlomelo A no-B**), esibonelelwa liSebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe iWCED).
4. I-SAIC mayisingathe zonke izitenxo zovavanyo, kwicandelo le-*General Education and Training (GET)* nakwele-*Further Education and Training (FET)*.

5. Kulindeleke izikolo zibe sele zizisekile ii-SAICs zazo nokuba zisebenze ngokupheleleyo. Inkqubo, indima nemisebenzi ye-SAIC, mazichazwe ngokuthe gca kumgaqo-nkqubo wovavanyo wesikolo. Apha kule setyhula kuqhotyoshelwe **isiHlomelo A** osisikhokelo sokwakhiwa kwe-SAIC namagunya olawulo ale komiti elolu hlobo. Kukwaqhotyoshelwe **nesiHlomelo B**, esiqulethe izitenxo ezinokwenzeka nesikhokelo esimalunga nezohlwayo (*sanctions*).
6. Abaphathi beesekethe besebenzisana nabaququzeleli bovavanyo bezithili, kulindeleke ukuba baqinisekise ukuba zonke izikolo zizisekile ii-SAICs zazo nokuba ezoo SAICs zisebenza ngokupheleleyo. Qho kwiminyaka emithathu, iinqununu mazazise umphathi wesekethe ngokwakhiwa kwe-SAIC ngencwadi ebhaliweyo, ukulungiselela ukuvunywa kwesitraktsha sale komiti.
7. ISebe leMfundo esiSiseko (ISebe i-DBE) liyifuna qho ngonyaka ingcaciso emalunga nokwakhiwa nemisebenzi yeeKomiti ii-SAICs. ISebe iWCED liya kuyicela le ngcaciso kwizikolo nakwizithili ngethuba lekota yesibini ka-2017.
8. Iya kuthakazelelwa intsebenziswano yenu ngokumalunga noku.

ISAYINWE: NGU-TS MATSELISO
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO EBAMBELEYO
UMHLA: 2017-04-12



Isikhokelo sokwakhiwa nemisebenzi yeKomiti yeSikolo yokuSingatha iZitenxo zoVavanyo

1. Intshayelelo

NgokweMimiselo *Regulations pertaining to the Conduct, Administration and Management of Assessment for the National Senior Certificate*, eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente 31337, neyafakelwa izilungiso nge-16 Meyi 2014, isikolo ngasinye masiseke iKomiti yeSikolo yokuSingatha iZitenxo zoVavanyo (*School Assessment Irregularities Committee (SAIC)*) yaye ukwakhiwa nemisebenzi kumiselwa yimigaqo yesi sikhokelo. Injongo yesi sikhokelo kukuncedisa izikolo ekuqulunqeni eyazo imigaqo-nkqubo yokuseka i-SAIC.

2. Ukwakhiwa kwe-SAIC

- 2.1 I-SAIC iya kuba naba bantu balandelayo:
 - (a) Inqununu mayibe ngusihlalo we-SAIC xa kuphandwa ngezitenxo zovavanyo kumaBakala 1-11.
 - (b) Umphathi wesekethe makanyulwe njengosihlalo we-SAIC xa kuphandwa ngezitenxo zovavanyo kwiBakala 12.
 - (c) Umntu omnye okwikomiti yolawulo yesikolo (*school management team (SMT)*).
 - (d) Umntu omnye ongutitshala ongelilo ilungu le-SMT.
 - (e) Ilungu elinye elivela kwibhunga lolawulo lwesikolo.
- 2.2 I-SAIC inokutyumba amanye amalungu xa kukho imfuneko yoko. Kunokutyunjwa aba bantu balandelayo:
 - (a) Utitshala omnye weso sikolo oyingcali yesifundo.
 - (b) Utitshala omnye weso sithili oyingcali yesifundo.
- 2.3 Isikolo siya kubhala iinkcukacha zesityholo sesitenxo sovavanyo (*alleged assessment irregularity*) **kwiseHlomelo C**. Makugcinwe imizuzu yazo zonke iintlanganiso zoluleko (*disciplinary meetings*) yaye mayisayinelwe ngabo bonke abebekho kuzo.
- 2.4 Isikolo siya kuwaqokelela siwadibanise onke amatyala siwafake kwiziko ledatha yezitenxo (*irregularity database*), **isiHlomelo D**. Irejista yezitenxo mayinikwe umphathi wesithili ekupheleni kwekota nganye. Umphathi wesekethe uya kuwaqokelela awadibanise onke amatyala kweso sithili sithile aze ayinike umququzeleli wovavanyo irejista yawo ekupheleni kwekota nganye.

- 2.5 Apho i-SAIC ingenako ukuvumelana ngesohlwayo esifanelekileyo apho kukho abafundi abachaphazelekayo, ityala linokugqithiselwa phambili kwiKomiti yeSithili yokuSingatha iZitenxo zoVavanyo (*District Assessment Irregularities Committee (DAIC)*) ukulungiselela ukuba kuxoxwe ngalo mba.

3. Ukutyunjwa kwamalungu e-SAIC

- 3.1 Onke amalungu e-SAIC aya kutyunjwa ngumphathi wesekethe.
- 3.2 Ilisti enamagama nezikhundla zamalungu mayingeniswe kumphathi wesekethe ukulungiselela ukuvunywa kwawo.
- 3.3 Ixesha lokubasesikhundleni kwe-SAIC liya kuba yiminyaka emithathu.

4. Amagunya olawulo e-SAIC

I-SAIC iya kuba negunya lolawulo kuzo naziphi na izityholo zezitenxo zovavanyo lwangaphakathi (*alleged internal assessment irregularities*). Ezi zitenxo zinokwenzeka ngezigaba ezahlukeneyo zenkqubo yovavanyo lwangaphakathi yaye zinokubandakanya phakathi kwezinye izinto, izitenxo ezimalunga noku kulandelayo:

- 4.1 Ukulungiswa kubalwe amanqaku ovavanyo lwangaphakathi.
- 4.2 Ukubeka esweni nokumodareyithwa kovavanyo lwangaphakathi.
- 4.3 limeko ootitshala abaluqhubela phantsi kwazo uvavanyo lwangaphakathi.
- 4.4 limeko abavavanyelwa phantsi kwazo abafundi kuvavanyo lwangaphakathi.
- 4.5 Ukufakwa kwikhompyutha nokulungiswa kwedatha efunyenwe kuvavanyo lwangaphakathi.
- 4.6 Ukusetwa nokumodareyithwa kwamaphepha emibuzo nemisebenzi (*tasks*) yovavanyo lwangaphakathi.
- 4.7 Nasiphi na esinye isitenxo esimalunga novavanyo lwangaphakathi.

5. Imisebenzi ye-SAIC

Ikomiti ye-SAIC —

- 5.1 mayisebenzisane kakhulu namagosa oviwo akwi-ofisi yesithili;
- 5.2 mayiphande ngazo zonke izitenxo ezenziwe ngootitshala/abafundi/ nawuphi na omnye umntu othatha inxaxheba kwinkqubo yovavanyo lwangaphakathi;
- 5.3 mayiphande ngaso nasiphi na esinye isitenxo sovavanyo lwangaphakathi njengoko iceliwe ngumlawuli wesithili okanye lelo gosa lingummeli wakhe; nokuba
- 5.4 mayinike ingxelo ngazo zonke izitenxo zovavanyo lwangaphakathi kodwa iqale idluliswe kumphathi wesekeke, ukuya kwi-DAIC.

6. Izitenxo zovavanyo lwangaphakathi ezinokusingathwa yi-SAIC

- 6.1 Izitenxo ezichaphazela abafundi ngexesha lovavanyo lwangaphakathi zinokubandakanya oko kulandelayo:
 - 6.1.1 Umfundi owalayo ukuthobela naziphi na iimfuno ezimiseliweyo ezizezona zisezantsi ukulungiswa nokubalwa kwamanqaku ovavanyo lwangaphakathi kwisifundo (i-SAIC ingasamkela okanye isikhabe isizathu sokwala esinikwa ngumfundi).
 - 6.1.2 Umfundi ongenisa umsebenzi ongenziwanga nguye. Oku kunokwenziwa ngeendlela ezahlukeneyo yaye zinokubandakanya oku kulandelayo:
 - (i) Ukukopa uxwebhu/umsebenzi obhaliweyo njengoko unjalo, igama negama (*verbatim*) komnye uvimba (kule meko, ukuba utitshala ukrokrela ukuba oko kwenzekile okanye unobungqina bokuba amacandelo athile omsebenzi owenziweyo ophelileyo akotshwe njengoko anjalo komnye uvimba, oku makuthiwe sisitenxo).
 - (ii) Ukungenisa i-asayinimenti (*assignment*) okanye iprojekthi engengomsebenzi wakhe (unokuba ngumsebenzi ogqitywe ngomnye umfundi, umntu, okanye umzali wakhe okanye umsebenzi othengiweyo).
 - (iii) Ukukotshwa kwe-asayinimenti (*reproducing an assignment*) okanye kweprojekthi yomnye umfundi yaye kukho ubungqina bokuba ukotshiwe umsebenzi.
 - (iv) Ukungenisa umsebenzi okhe wangeniswa ngomnye umfundi ngaphambili yaye wanikwa namanqaku, osengaba wenziwe nguye buqu okanye ngomnye umntu.
 - (v) Ukungenisa umsebenzi ongenziwanga nguye (uphelele okanye uyinxenye) kodwa, ungowomnye umfundi okwesi sikolo sinye okanye okwesinye isikolo.

(vi) Nasiphi na isenzo sokunganyaniseki ngenjongo yokukhohlisa utitshala ngobunyaniso okanye ngokweempawu zobuchule obubodwa bokuvelisa umsebenzi umfundi awungenisileyo.

6.1.3 Umfundi othe, kwikhomponenti yamanqaku ovavanyo lwangaphakathi olwenziwa phantsi kweliso nolawulo, wenza nayiphi na kwezi zilandelayo:

- (i) Waphazamisa, wagrogrisa abanye, okanye waziphatha ngendlela engafanelekanga okanye engathandekiyo nangona ebenikwe isilumkiso.
- (ii) Wanxila okanye uphantsi kwempembelelo zaso nasiphi na esinye isiyobisi esinxilisayo.
- (iii) Akawahoya amalungiselelo okanye imiyalelo efanelekileyo katitshala nakuba ebenikwe isilumkiso.
- (iv) Waqhubeka nokungayihoyi imiqathango yovavanyo nakuba ebenikwe isilumkiso.

6.1.4 Umfundi owenza ingxelo ebubuxoki malunga nobunyaniso benxenye ethile yamanqaku ovavanyo lwangaphakathi.

6.2 Izitenxo ezichaphazela ootitshala okanye amanye amagosa ovavanyo ngethuba lovavanyo/leemviwo zangaphakathi, zinokwenzeka kwezi zigaba zilandelayo:

- (a) Ukulungiswa nokubalwa kwamanoqaku kuvavanyo lwangaphakathi.
- (b) Ukubeka esweni okanye ukumodareyithwa kwamanoqaku afunyenwe kuvavanyo lwangaphakathi.
- (c) Ukufakwa kwikhompyutha nokulungiswa kwedatha yovavanyo.
- (d) Uphando malunga nezityholo zezitenxo zovavanyo lwangaphakathi.

6.3 Izitenxo ezichaphazela ootitshala namagosa zinokubandakanya oku kulandelayo:

- (a) Utitshala othi ngabom nangenjongo, yaye engenaso nesizathu esivakalayo, angaphumeleli ukufezekisa iifundo ezimiselweyo okanye angawufaki omnye umsebenzi okanye eminye imisebenzi xa kubalwa amanoqaku ovavanyo lokugqibela.
- (b) Utitshala okanye igosa elithi litshintshe, ngamanye amazwi, linciphise okanye linyuse amanoqaku abafundi ngaphandle kwemvume yenqununu.
- (c) Utitshala othi ngabom anike uncedo umfundi ngokumlungiselela bhetele ngendlela engafanelekanga xa kuthelekiswa nabanye abafundi.
- (d) Utitshala osebenzisana nomfundi ukungenisa umsebenzi (uwonke okanye inxenye yawo) kodwa ingengomsebenzi wakhe buqu.

7. Ukunika ingxelo

I-SAIC mayinike ingxelo ngazo zonke izitenxo zovavanyo lwangaphakathi kabini enyakani, phambi komhla we-30 Juni nowe-30 Novemba. Le ngxelo mayidluliswe

kumphathi weseke the, ukuya kwi-DAIC kwaye mayiqulathe zonke izitenxo zovavanyo eziye zaphandwa kwikota ezimbini zonyaka.



1. Itheyibhile yezitenxo ezinokwenzeka nezohlwayo ezichaphazela abafundi

INO	ISITENXO	ISOHLWAYO ESINOKWENZEKA
1.1	Umfundi owalayo ukuthobela naziphi na iimfuno ezimiselweyo ezizezona zisezantsi zokudityaniswa zokulungiswa nokubalwa kwamanqaku ovavanyo lwangaphakathi kwisifundo.	Umfundi ufumana iziphumo ezingaphelelanga kwesi sifundo.
1.2	Umfundi ongenisa umsebenzi ongenziwanga nguye. Oku kunokwenzeka ngeendlela ezahlukeneyo yaye zinokubandakanya oku kulandelayo: (i) Ukukopa uxwebhu/umsebenzi obhaliweyo njengoko unjalo, igama negama (<i>verbatim</i>) komnye uvimba. (ii) Ukungenisa i-asayinimenti (<i>assignment</i>) okanye iprojekthi engengomsebenzi wakhe (unokuba ngumsebenzi ogqitywe ngomnye umfundi, umntu, okanye umzali wakhe okanye umsebenzi othengiweyo. (iii) Ukukotshwa kwe-asayinimenti (<i>reproducing an assignment</i>) okanye kweprojekthi yomnye umfundi yaye kukho ubungqina bokuba ukotshiwe umsebenzi. (iv) Ukungenisa umsebenzi okhe wangeniswa ngomnye umfundi ngaphambili yaye wanikwa namanqaku, osengaba wenziwe nguye buqu okanye ngomnye umntu. (v) Ukungenisa umsebenzi ongengowakhe (uphelele okanye uyinxenye) kodwa, ungowomnye umfundi okwesi sikolo sinye okanye okwesinye isikolo. (vi) Nasiphi na isenzo sokunganyaniseki ngenjongo yokukhohlisa utitshala ngobunyaniso okanye ngokweempawu zobuchule obubodwa bokuvelisa umsebenzi umfundi awungenisileyo.	Amanqaku anguziro (<i>zero mark</i>) kumsebenzi wovavanyo/kwiphepha loviwo.
1.3	Umfundi othe, kwikhomponenti yamanqaku ovavanyo lwangaphakathi olwenziwa phantsi	<ul style="list-style-type: none">• Umfundi uphulukana nethuba lokubhala okanye

	<p>kweliso nolawulo, wenza nayiphi na kwezi zilandelayo:</p> <p>(i) Waphazamisa, wagrogrisa abanye, okanye waziphatha ngendlela engafanelekanga okanye engathandekiyo nangona ebenikwe isilumkiso.</p> <p>(ii) Wanxila okanye uphantsi kwempembelelo zaso nasiphi na esinye isiyobisi esinxilisayo.</p> <p>(iii) Akawahoya amalungiselelo okanye imiyalelo efanelekileyo katitshala nakuba enikwe isilumkiso.</p> <p>(iv) Waqhubeka nokungayihoyi imiqathango yovavanyo nakuba ebenikwe isilumkiso.</p>	<p>lokuqhubeka ebhala lo msebenzi wovavanyo/elo phepha loviwo lithile.</p> <ul style="list-style-type: none"> • Umfundi ugcina amanqaku awanikiweyo kwezinye iikhomponenti zesifundo.
1.4	<p>Umfundi obe iphepha lemibuzo okanye nawuphi na umsebenzi wovavanyo omiselweyo (<i>formal assessment task</i>).</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Oku makuthathwe njengetyala lolwaphulo-mthetho yaye maligqithiselwe kwiNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika (<i>South African Police Service</i>). • Umfundi onetyala makafumane amanqaku anguziro kumsebenzi wovavanyo/kwiphepha loviwo
1.5	<p>Umfundi ofunyenwe enemathiriyeli engavumelekanga (<i>unauthorised material</i>) ngethuba lovavanyo/loviwo.</p>	<p>Amanqaku anguziro (<i>zero mark</i>) kumsebenzi wovavanyo/kwiphepha loviwo.</p>
1.6	<p>Umfundi ofunyenwe eneselula (<i>cellphone</i>) okanye isixhobo <i>i-electronic device</i> ngethuba lovavanyo/loviwo</p>	<p>Amanqaku anguziro (<i>zero mark</i>) kumsebenzi wovavanyo/kwiphepha loviwo.</p>
1.7	<p>Umfundi obhaqwe ekopa okanye efumana uncedo komnye umfundi.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Amanqaku anguziro (<i>zero mark</i>) kumsebenzi wovavanyo/kwiphepha loviwo. • Ukuba kukho ubungqina bokuba kwenziwe iyelenqe, umfundi onike uncedo makafumane amanqaku anguziro kumsebenzi wovavanyo/kwiphepha loviwo.

1.8	Ukungeniswa emva kwexesha komsebenzi wovavanyo/kuviwo	Umfundi makavunyelwe abhale umsebenzi wovavanyo/uviwo kodwa makanganikwa xesha longezelelweyo ngaphandle kokuba kukho izizathu ezamkekileyo zokufika emva kwexesha kwakhe.
1.9	Incwadi yempendulo yoviwo mayisuswe kwigumbi lokubhalela uviwo ize ingeniswe ngethuba elisemva koko.	<ul style="list-style-type: none"> • Incwadi yeempendulo yoviwo mayimakishwe ngokuxhomekeke kwisiphumo sophando. • Kwimeko apho umfundi efunyaniswe enetyala, makafumane amanqaku anguziro kwelo phepha loviwo.

Makuqatshelwe: Makungeniswe i-afidavithi eyingxelo efungelweyo ngabafundi kuzo zonke ezi meko apho banikwe amanqaku anguziro kuzo.

2. Itheyibhile yezitenxo ezinokwenzeka nezohlwayo ezichaphazela ootitshala/amagosa

ISITENXO	ISOHLWAYO ESINOKWENZEKA
(i) Utitshala othi ngabom nangenjongo, yaye engenaso nesizathu esivakalayo, angaphumeleliyo ukufezekisa iimfuno ezimiseliweyo okanye angawufaki omnye umsebenzi okanye eminye imisebenzi xa kubalwa amanqaku ovavanyo lokugqibela.	Zonke ezi zitenxo zithathwa njengokuziphatha kakubi kukatitshala yaye makujonganwe nazo ngokoMthetho weNgqesho yooTitshala, 1998 (uMthetho 79 ka-1998) (<i>Employment of Educators Act, 1998 (Act 76 of 1998)</i>).
(ii) Utitshala okanye igosa elithi litshintshe, ngamanye amazwi linciphise okanye linyuse amanqaku abafundi ngaphandle kwemvume yenqununu.	
(iii) Utitshala othi ngabom anike uncedo umfundi ngokumlungiselela bhetele ngendlela engafanelekanga xa kuthelakiswa nabanye abafundi.	
(iv) Utitshala osebenzisana nomfundi ukungenisa umsebenzi (uwonke okanye inxenywe yawo) kodwa ingengomsebenzi wakhe buqu.	
(v) Utitshala unika abafundi amanqaku engakhange alwenze uvavanyo.	



Report on irregularities

Name of School:

Name of the learner/teacher:

Grade:

Investigating Officer:

Date of irregularity:

Examination/Type of Assessment:

Subject details:

1. BACKGROUND

2. ACTION BY SCHOOL

3. FINDINGS

4. DISCIPLINARY MEASURES AND RECOMMENDATIONS



WCED IRREGULARITY SPREADSHEET

CASE NO	DATE IRREGULARITY CAPTURED	DATE IRREGULARITY OCCURRED	CANDIDATE NO.	SCHOOL & CENTRE NO.	SUBJECT & SUBJECT CODE	ASSESSMENT TYPE	IRREGULARITY TYPE	RESUME OF PROBLEM	PHASE IDENTIFIED	INVESTIGATION BY DISTRICT OFFICIALS	RECOMMENDATION OF THE DISTRICT ASSESSMENT IRREGULARITIES COMMITTEE (DAIC)	DECISION OF CHIEF IRREGULARITIES OFFICER
1	16-Nov	02-Nov	A 1090055120013	Daliwonga High 1976	History P2	Grade 11 Nov/Dec	Serious	Crib notes were found in the learner's script	Marking	FINDINGS: The learner confessed to the offence. He indicated that he knew and understood the exam code of conduct.	RECOMMENDATION: 1. The learner and his/her parent (s) will be called for a disciplinary hearing. 2. Zero marks for History P2.	APPROVED
2												
3												